

Umgaqo Siseko Wenguqu Kwingingqi Yase-Franschhoek.

[1.1.isivumelwano sokuphuhlisana]

THINA BANTU BENDAWANA YASE FRANSCHHOEK -- siluluntu oko kukuthi, siliqela labantu abahlala besebenza kunye kwindawo enye lonke ixesha. Ngoko ke sinefute lemhla ngemihla omnye komnye, umntu eyiqonda engayiqondi lo nto. Sikwabelana ngenjongo enye, ukudala okuhle okanye kokugula – luxanduva lethu.

[1.2.isivumelwano sokuzinikela]

Kananjalo sikholelwa ekuthini ukuba sifuna ukukhusela nokuphucula umngangatho wempilo yethu, lowo wabantwana bethu kunye nabasaza kuzalwa, masithathele ingqalelo omnye nomnye kunye nokusingqongileyo esabelana ngako. Ukuzinceda , kufuneka sancedane. Ukuba asizithatheli ngqalelo iimfuno namathemba namamndla abanye, nokulungileyo sizakube sidelela iimfuno namathemba kunye namandla ethu. Le iyakuba yindlela esiyiqithisela kwisizukulwana ngesizukulwana.

[1.3.isivumelwano esithembekileyo]

Akululanga kuthi ukufikelela kwisigqibo esinye. Kukuba asiqhelanga ukwenza oko. Ubudlelwane bethu buneziphako zokungathembani, obusukela kwimbali yorutharuthwano nokuhluki kumezana. Le mbali inzima ibangela ingxaki kuthi sonke ngendlela ngendlela, ngezixhobo, ngokusingqongileyo, ngokuhlala nangokwasemoyeni. Ezi ngxaki zembali yethu egqithileyo ziyakhu la ziba zingxaki zeli xesha. Elo xesha sisabangisana ngokuba ngubani onelungelo lokuba laphangaphezu komnye. Silibala ngokulula ukuba le ndawo yethu njengelizwe lethu liphela lelomntu wonke ohlala kulo. Nangona singenaxanduva lulinganayo ekudaleni iingxaki ezikhoyo namhlanje, ngoku masabelane sonke ngoxanduva lokusombulula ezingxaki ngesihle. Uhlenga-hlengiso kule ndawo yethu luza kuqala ngathi, luza kuqala ezintliziyweni. Ukuba siyazikhulula, sikhulula nabanye abantu. Ukuba singazibophelela ekwenzeni ubuntu, sithembeke, nokuba iimeko zobutyebi bethu zithini na, ngolohlobo singayivuyela iyantlukwano yethu. Ukuza kutsho ngoku, masivume oku:

[2.1.ingxaki yokucalulana ngobuhlanga]

Kuko konke ukuba sihlelisene kulendawo yethu, inyaniso yona yeyokuba sigxeleshene kwiimeko zethu zobuzwe, sijongelene phantsi kwiimeko zamasiko nezithethe, neenkolo zethu, sahlukene nakwimibutho ejongene nezopolitiko. Zonke ezi ngongoma zingentla zibangelwa yintlalo yethu phantsi kolawulo localu-calulo eyabangela ukuba noxa sihlelisene nje asikazani, asikazimiseli ukuncedisana, siphathisane entlalweni yethu; koko asikayamkeli imeko yokuba sibanye koko samkelene ngokuba 'sithi', 'nabo' (us - them) abahleli ndaweni-nye.

[2.2.ingxaki yokungalingani]

Asanelanga nje kukungalingani nobunini bezinto ngakumbi ezomnotho, zikekelele kumba wobuni. Le meko apha kulendawo yethu icace gca ukudlula ezinye iindawo kwilizwe lonke laseMzantsi Afrika. Ayibangelwa le meko kukuba sinabantu abaninzi abampofu koko ibangelwa kukuba sinabantu abaninzi abanezinto zabo, abahlala kunye nabantu abangenanto. Le nto ibangela inkxalabo kodwa iveza amathuba athile. Indawo yethu ayilambathi kwicala lemveliso.

[2.3.ingxaki eyendeleyo yokungalingani]

Masiyamkele ukuba ingxaki yezomnotho izichaphazela zonke ezinye ezidalekayo empumelelweni yommi. Masibalule nje ezimbalwa izithintelo ezizintloko; ukufikelela kwinqanaba eyamkelekileyo, imfundo, izindlu, ezempilo namabala ezemidlalo. Singalibali ukuba ukuzithemba nokukwazi ukuzakha kubalulekile. Inkoliso yethu ide yayamkela imeko yokuzidelela njengento edaliweyo. Masivume ukuba ukuyeka ukulinga ukuzenzela kwenza ukuba sihlale singamaxhoba, kwandise namathuba okungalingani kwethu.

[3.1.ukwamkela ukuba sixhomekekile omnye-komnye]

Omnye uxhomekeke komnye ngakumbi ingabantu abahlala ndaweni nye. Masamkele sivume ukuba impumelelo ifumaneka xa omnye evuma ukuba imo yokuphila ithi masibambisane ngabanye ngabanye, sithi senzele izizukulwana zethu kule ndawo yethu. Ukungathembani kwenza ubunzima ekuyeni empumelelweni nolonwabo lwezizukulwana nasekuhlaliseni ngoxolo.

[3.2.ukunakekelwa kokusingqongileyo]

Kuzo zonke iingxaki ezisigubungeleyo kulula ukuba singayijongi inyaniso yokuba kuxhomekeke ukuphumelela kwethu kwimo elungisiweyo neyamkelekileyo yendawo esihlala kuyo. Kukuthi ke ngoko, ukuba sinonophele esinako kwindawo yethu, siyikhulisela ukuze yondle thina nezizukulwana zethu; kungenjalo masamkele ukuba sisebenzela intshabalalo ngakumbi eyezizukulwana zethu.

[3.3.ukwamkela umahluko phakathi kukarhulumente nabantu]

Abemi belizwe eliphantsi kolawulo lwabantu balindele ukuba abameli babo abanyulwe ngabo babe ziindlebe nemilomo yabo kuwo onke amacandelo olawulo. Siyakusoloko silindele ukuba bazeke – mzekweni kuzo zonke iimfuno zethu. Kodwa ke thina bantu balengingqi yethu sizimisele ukuvuma ukubandakanyeka ngokwenza oku kulandelayo:

[4.1.izinto ezinje 2.1]

Siyakuncedisana ukuba ngabemi abaphathisanayo kuzo zonke iimfuno zethu. Kananjalo ilinge lethu liyakuba kukuvala umsantsa wokwahlukana kwethu kuzo zonke iinkalo zezithethe, iilwimi, iinkolo neembono zokukhetha imibutho yopolitiko. Singaphumelela ukukwenza konke oku ngokuthi sizame ukusebenza kunye ngokuthembana nokuhloniphana kwamaqela ethu ekuphileni kwethu. Sigxininise ukuba simemanekuzo zonke iziyunguma zokuphuhlisa intlalo yethu.

[4.2.izinto ezinje 2.2]

Siyakuncedisana ukwamkela ukulingana, ukuphumelela kumalinge okuphucula izinga lemfundo nokuphuhlisa iimeko zemisebenzi yezandla ukuze siphuhlise izakhono esinazo kwiinkalo zonke ezizakudala imisebenzi eluntwini. Siyakuzama onke amathuba okusekeleza yonke into engqamene nentuthuko.

[4.3.izinto ezinje 2.3]

Iinzame zethu ziyakuba kukuphakamisa siphucule konke okusingisele kwimpucuko nentlalo-ntle yendawo esithi yeyethu sonke. Singwenela intsebenziswano kumaziko ethu enkolo, izikolo nemidlalo. Sithi kanjalo lo maziko akhoyo sibonelelane, sinikane amathuba

ekuwasebenziseni, siwagcine esemgangathweni. Kwezi nzame kwiinkalo zonke siquka bonke abantu nabaluphina uhlanga nezizukulwana zethu.

[5.umbono esinawo]

Sikholelwa ekubeni ikamva lethu lisezandleni zethu singabemi balendawo. Masithi ke ngoko ngokudibeneyo sisebenzele ukuphakamisa ekwenzeni kwethu ukuze kuphuhlise izinga lemida yethu kungekho mkhethe ngokwebala nobuni. Masizamele ukuqhekezelana sincedisane ngazo zonke iindlela esinazo ukuze ekugqibeleni sibe ngabahlali abahloniphekileyo kubo bonke abahlali balendawo yethu sibe sisibonelo esihle nakwabanye. Sinqwenela ukuba sikhankanywe njengabamkeli benyaniso, sibengamalungu kwiphulo lika Archbishop Desmond Tutu lokuba singabantu abenza *'umnyama singabantu bendlu kaThixo'* (Rainbow People Of God). Asingomnqweno ungenakufikeleleka lo. Masilinge singalibazisi.

Sakuba siwuphumezile umbono wethu, xa sithi sakukhathalelana, sincedisane kwiinzima zethu kulendawo yethu; ingekuko ukuba sithunyengubani koko ililinge lethu elithembekileyo. Masibambane ngezandla siqule siye. Ukuphumelelisa lenjongo ihloniphekileyo thina singabemi, bahlali kunye nezihlobo zesithili se Franschhoek siyazibophelela ekwenzeni oko.